

PULA IMVULA

Isicwangciso esinempumelelo soshishino sidinga ucwangciso olufanelekileyo

NJENGESIPHUMO SEMPUMELELO ESIYIZUZE NGENKQUBO YONCEDO LOKUQALISA USHISHINO eFREE STATE, ZINGENA ZIKROZILE IZICELO ZEZICWANGCISELO ZOSHISHINO. KUBONAKALA NGATHI ABANYE ABANTU BACINGA UKUBA KUKHO MNTU WUMBI OZA KUBHALA ISICWANGCISELO ESIYA KUNIKA UMNINI-SO IMPUMELELO YANGOKO NANGOKO NOBUTYEBI OBUFUMANEKA NGESIQUPHE. ANDIKHOLWA UKUBA LO MCIMBI UQHUBA NGOLO HLOBO!

Thina baseGrain SA, xa sisenza isicwangciso soshishino, siqala ngovavanyo olucoselelwayo lwezinto zokusebenza ezikhoyo. Kufuneka izinto onazo zokuqhuba umsebenzi phambi kokuqalisa ngokwenza izicwangciso. Kufuneka sijonge umlimi – kuba yena ngumqhubi wenkqubo iphelele. Kubalulekile ukwazi ukuba umlimi unamava angakanani, ingaba uhlala kuloo fama, ingaba akhona amanye amadlelane abandakanyekayo, ingaba lo mlimi ukhe waba yinxalenye yenkqubo yophuhliso ukuze abe unalo ulwazi lwento anqwenela ukuyenza?

Emva koko umba womhlaba – asinguwo wonke umhlaba olungele naluphi uhlobo lomsebenzi wokufama. Kufuneka sazi ukuba ungakanani umhlaba okhoyo, zingaphi iihektare zomhlaba olimekayo kananjalo zingaphi iihektare zomhlaba wokutyisa impahla? Injani imeko yomhlaba wokutyisa impahla kwaye ngokunjalo, mingaphi imihlambi yemfuyo enokugcinwa kwifama leyo? Zeziphi izityalo ezinokulinywa kweso sithili kwaye bungakanani ubunzulu bomhlaba kuloo ntsimi? Ngokunjalo kufuneka sikhumbule ukuba nakwindawo encinane enye, ubunzulu bomhlaba bunokwahluka kakhulu. Enye intsimi inokulungela ukulinywa kombona, logama intsimi ekufutshane inokulungiselwa ukuba ngamadlelo asisigxina. Zeziphi iintlobo zokujikeleziswa kwezityalo ezinako ukwenzeka kwesi sithili – asisosenzo esilungileyo ukuqhuba ngokulima isityalo esinye entsimini enye kwiminyaka emininzi.

Zibaluleke kakhulu iitrekara nezixhobo zokusebenza kurhwebo lokulima ukutya okuziinkozo – inani kunye nobukhulu beetrekara bubalulekile, kodwa phantse okubaluleke kakhulu yimeko yeetrekara. Ingaba ezi

Imagazini yakwaGrain SA
yophuhliso lwabavelisi

FUNDA NGAPHAKATHI:

- 3 > Londoloza imithi yamaplanga ekwifama yakho
- 7 > Malunga nokhula neentloko ezibuhlungu nemichiza yokutshabalalisa ukhula
- 10 > Ukuqonda ulawulo lwamadlelo



3



12



UMama uJane uthi...

I nguquko yinxenye yobomi kanti sithetha nje ngoku ngokuqinisekileyo sibona iinguquko nakwisiqhelu semozulu yethu. Kanye ngeli xesha wonke umntu ebelungiselela ukucoca kwasentlakohlaza, kuye kwavalwa iindledlana ezisezintabeni nezinye iindlela ngenxa yemozulu. Sibuliswa yimozulu yomkhenkce nekhephu kwiindawo ezininzi zeli lizwe. Ngethamsanqa siyazi ukuba bakuba budlulile ubusika, kuya kungena intlakohlaza...ekugqibeleni.

EGrain SA inguquko yenzeke ngokutyunjwa kukaMnu Victor Mongoato. Njengelinga lokunika inkxaso kwinguquko phakathi kweli qumrhu, uVictor unyulwe sisiGqeba esiLawulayo ngomhla wama-24 kuJulayi 2012 njengelungu leKomiti yabaLawuli. Ekuqaleni kwalo nyaka ukhe watyunjwa njengosihlalo weQela loFundo-nzulu loPhuhliso loLimo laseGrain SA.

UVictor ulima umbona neemboty ezomileyo eMpuma-Koloni ezantsi kwendawo eseNtshona kweentaba zeDrakensberg kwisithili saseMatatiele. Ngoko bendithetha naye, ifama yakhe ibigqunywe likhephu kwaye ebelungiselela ukuba iinkomo zakhe neegusha ziziselwe enye ifula.

Ngokokubona kwakhe abalimi abaninzi abasaphuhlayo bemi ngenxa yoncedo lwenkqubo yoPhuhliso lwamaFama lwaseGrain SA. Ukholelwa ekubeni ngoncedo lwale nkqubo abalimi banako ukufikelela kumgangatho ophezulu omtsha. Njengosihlalo weQela loFundo-nzulu loPhuhliso loLimo unethemba lokuqhuba ngokuncedisa abalimi abaphuhlayo ukuze baphumeze iinjongo zabo ukuze babe ngabalimi abavelisa ukutya kokondla ilizwe; abalimi abafana nabanye bezinye iindawo. UVictor ngumntu onethemba kakhulu ngekamva lolimo lwaseMzantsi Afrika kwaye ukholelwa ekubeni iqela langoku labalimi liya kukwazi ukumelana nawuphi umceli-mngeni elinokujongana nawo ishishini lolimo kwixesha elizayo. Simnqwenelela ikamva elilelona lihle uVictor.



NguVictor Mongoato, uSihlalo weQela loFundo-nzulu loPhuhliso loLimo laseGrain SA.

Isicwangciso esinempumelelo soshishino sidinga ucwangciselelo olufanelekileyo

trektara ziya kukwazi na ukwenza umsebenzi kwixesha lonyaka elixakekileyo? Ukulinywa koku-tya okuziinkozo kuxhomekeke kwizicwangciso zamaxesha ayo yonke imisebenzi efanele ukwenziwa – ukuba imeko yeetrektara imaxongo, ziya kwaphuka kanye ngexesha ozidinga ngalo kakhulu. Ezinye iifama zinezixhobo zokusebenza, kodwa zigqithelwe lixesha. Ixesha lokulima ngazo ligqithile – ngoku kufuneka siziqhelise izixhobo ezinamazingo ukuze emva koko siwulime kancinane kangango umhlaba. Kufuneka siqale ngokuqwalasela impilo yemihlaba yethu kwaye sisoloko sikhumbula ukuba umhlaba wemboleko esinawo ngowezizukulwana ezizayo. Sinoxanduva olukhulu lokugcina umhlaba kakuhle ukuze izizukulwana zexesha elizayo nazo zikwazi ukuwusebenzisela ukulima.

Kwiindawo ekulinywa ukutya okuziinkozo kuzo, siyazi ukuba kufuneka amandla angakanani etrektara okusebenza entsimini – kanti nezixhobo zokusebenza ezifunekayo siyazazi. Kubaluleke ngenene ukuthlekisa iitrektara nezixhobo zokusebenza nobukhulu befama kunye nesicwangciso somsebenzi wokulima.

Uninzi lweefama lunecandelo lwemfuyo kwaye ezi zilwanyana kufuneka ziphathwe kakuhle. Kwisicwangciso soshishino kufuneka siqwalasele imeko yokubiyela kunye nenkxaso yamanzi –

ngokunjalo nengxinano nendawo ezihlala kuyo. Kubaluleke kakhulu ukuba kubekho iindawo zamanzi kwikampu nganye. Izilwanyana zilahlekelwa ngamandla azo xa zihamba imigama emide ukuya kusela amanzi kanti kuziindleko ukuzisa amanzi ezinkomeni kunokuba iinkomo zihambe ukuya kusela amanzi.

Ugqaliselo lokugqibela oluphathelele nesicwangciso soshishino luhlalo lwabiwo-mali lweshishini elisaqalayo lwezityalo ezenzelwa isicwangciso. Ngamanye amaxesha akwenzeki ukufumanisa ezona ndleko zizizo xa lisaqala ixesha lonyaka njengoko amaxabiso awo onke amalungiselelo esoloko etshintsha rhoqo. Nangona kunjalo, kubalulekile ukuba noqikelelo olulungileyo lweendleko zemveliso.

Mhlawumbi kule ngxoxo engasentla, uya kufumanisa ukuba isicwangciso soshishino asiyonto unokuyibhalelwa ngomnye umntu e-ofisini. Ukuba isicwangciso eso kufuneka sibe nexabiso kuwe ngokunjalo siphunyezwe ngempumelelo, yonke imibandela engasentla mayi quke kwaye isicwangciso masihambelane nomlimi kunye nezinto ezisetyenziswayo eziyindalo.

**NGUJANE MCPHERSON,
UMPHATHI WENKQUBO YA-
SEGRAIN SA WENKQUBO
YOPHULISO LWAMAFAMA**



Londoloza imithi yamaplanga ekwifama yakho



UKWANDA KWAMANANI ABANTU NOKUNCIPHA KOFIKELELO KWIMIHLABA, KUBEKA UXINZELELO OLUPHEZULU EMIHLABENI YEZITYALO. UKUGECWA KWEZITYALO EYINDALO ZOKWENZA AMAPLANGA OKWAKHA, IINKUNI ZOKUBASA UMLILO NEZIVUTHISI NGOKUNJALO NOKUZAMA UKUVULA ISITHUBA SOKULIMA IZITYALO KUKHOKELELA EKUCUTHEKENI KWAMAHLATHI KUNYE NEMIMANDLA YEMITHI.

Baya ngokwanda abalimi kwiilabathi jikelele abaqalisayo ukuqonda ukuba imithi ingumthombo oxabisekileyo kwaye ngoku bayayilondoloza imithi abanayo kanti abanye bayaziduba nangokutyala imithi kwiifama zabo. Alinakubakho elinye ixesha elifaneleke njengeli langoku ukufuna ukuba oko kwenziwa njani kuba kutheni.

Sisenzo esilungileyo kubalimi beenkozi ukukhulisa izithinteli-moya ezijikeleze amasimi abo alinyiweyo. Oku kukholisa ukwenziwa ngokutyala izicuku zemithi yamaplanga kwiindawo eziselungqamekweni olujikeleze amasimi ezityalo kwaye yaziwa ngokuba lihlathi lezolimo. Kwiminyaka emininzi abalimi abalima izityalo kwiindawo ezinemimoya evuthuza ngamandla banamava kwaye besebeqalile ukutyala izithinteli-moya mhlawumbi zemithi okanye zamatyholwana. Izithinteli-moya zisenokuba yimiqolo ukusuka kumqolo om-1 ukuya kwemi-4 okanye i-10% yentsimi ngaphandle kokuphazamisa okulinyiweyo. Esi senzo siluncedo kuba izityalo ezininzi ezincinci ziyawoyika umoya kwaye ngenxa yokuba amasimi angenanto ayekwa evulekile aba sesichengeni semimoya nokulahlekelwa kukufuma. Izityalo ezifana nombona nojongilanga xa

zisekumabanga obuthathaka nasemva kokuhluma ziba sisisulu esikhulu kuba zinokonakaliswa naziingqakumbana zesanti eziphetshethwa ngumoya ukuze zingakwazi kukhula ngokwaneleyo ukuze ngolo hlobo zichaphazele izivuno zazo. Ngelishwa, baninzi kakhulu abalimi, ngakumbi abalimi abatsha abasaphuhlayo ababa ngamaxhoba omngcipheko wokonakaliselwa ngumoya. Zibini izizathu ezisentloko zale ngxaki:

1. Imithi eseyikhona ezizicuku ayilondolozwa, kodwa isuka isetyenziswe njengezivuthisi.
2. Abalimi abayityali imithi ezizicuku emitsha ngenxa yokungaluqondi uncodo lwayo.

Ngokuqinisekileyo kukho isidingo esikhulu seenkuni zezivuthisi, kodwa kubaluleke kakhulu ukuba ubutyebi bemithi yamaplanga ilondolozwe kwaye isetyenziswe ngendlela yokuyilondolozwa. Ngolo hlobo kuya kulungelelaniswa phakathi kokusetyenziswa nokulondolozwa kwayo.

Indlela yokuphumeza ulungelelwaniso phakathi kokusebenzisa nokulondoloza

Buyisela okuthathileyo

Xa kukho imfuneko yokugawula imithi, nokuba kungenxa yeenkuni okanye ukwakha, phinda ubuyisele oyithathileyo. Ukuba kuziindleko ukuthenga izithole zemithi, kubone oko njengotyalo-mali njengoko uya kuncedakala kwixesha elizayo. Unako ukuphinda utyale izithole ezintshule ngezantsi komthi kwimbewu ewileyo ukuze ungachithi mali kwaphela. Umthi wom**Gamtri** (*Eucalyptus Grandis*) now**Dywabasi** (*Acacia Mearnsii*) ixhaphake kakhulu njengeentlobo

Londoloza imithi yamaplanga ekwifama yakho

ezisetyenziswa njengezithinteli-moya eMzantsi Afrika. Ikhula ngokukhawuleza okukhulu, inamasebe amakhulu kunye namagqabi alungele ukuthothisa isantya somoya, ziintlobo ezomeleleyo kwaye ifaneleke kwiindawo ezininzi zeli lizwe. Kodwa asiyomithi yeli lizwe laseMzantsi Afrika ngokwemvelo.

Umthi we**Pesika** wase**Ndle** (*Kiggelaria Africana*) ngumthi walapha ngokwemvelo kwaye uya ngokuthandwa kakhulu njengomthi onqanda umoya nomthi womthunzi wemfuyo kanti usenokungena endaweni yemithi egawulileweyo. Imithi ikhula ngokukhawuleza kwimimandla emininzi eMzantsi Afrika, amagqabi akhula ngokushinyana kwaye imfuyo ayikwazi kuwatya kanti umthi nawo womelele kakhulu kanangokuba uyakwazi ukumelana nemimoya.

Vuna ngobulumko

Zinike ithuba lokuyiqonda imithi ekhula emhlabeni wakho. Imithi emininzi eyahluka-hlukileyo izibonakalisa ngokwahluka-hlukileyo kwiindlela ezingafaniyo zokuyivuna. Umzekelo, xa unemithi yemiGamtri, unokuncedakala kwizizukulwana ezininzi xa uyiqonda eyona ndlela ilungileyo yokuvuna. Musa ukugeca nesikhondo xa ugawula, kodwa gawula amasebe akhula esikhondweni. Shiya amasebe amabini ngemva ngesikhondo ngasinye ukwenzela umthunzi nolungelelwano. Kanti umthi weDywabasi kwelinye icala awunamasebe abanzi kangako. Luhlobo lomthi wokubaswa kuba uvutha kakule kakhulu, umlilo wenza ukuba imbewu esemhlabeni ongaphezulu intshule. Oku kungadala esinye isicuku semithi eshinyeneyo. Qaphela ukuba ulawule ukutshisa njengoko kwayona idywabasi inokuhlasela xa ingalawulwa kakuhlwa.

Sebenzisa ezinye iintlobo zezivuthisi

Ngokwendalo kukho ezinye iindlela eziyindalo ezinokuba zizivuthisi ezinokusetyenziswa endaweni yeenkuni. Imipha yombona ivutha kakuhle kakhulu njengoko inokuqokelelwa emva kokuvuna ize igcinwe. Ibugcina kakuhle ubushushu ngoko ke ikulungele ukupheka nokufudumeza indlu. Amalongwe enkomo nawo avutha kakhuhle kakhulu xa ome kakuhle; akunazindleko ukuqokelelwa kwawo. Ukuba uneenkonzo ezahluka-hlukileyo kunye neenkomo unazo zombini ezi mveliso.

Xelela abanye kangangoko

Yabelana nabanye ngolwazi onalo ngokulondolozwa nokusetyenziswa ngobuchule bemithi yamaplanga. Sukujonga nje ummelwane wakho egeca zonke izithinteli-moya zakhe. Fundisa abahlobo bakho abalimayo ngoncedo lwemithi etyalwe ngokwezicuku uze ubakhuthaze ngokutyalwa emitsha.

Ziintoni eziluncedo ngemithi ezizicuku yezithinteli-moya?

- Ikhusela izityalo.
- Incedisa ngolondolozo lomhlaba ongaphezulu, njengoko ingaphetshethwa lula. Ukukuliseko lomoya lwenzeka ngamandla kwiindawo ezininzi luze lukhokelele ekulahlekeni komhlaba nokuchuma kwawo, nto leyo ethetha ukuba iyancipha indawo yokulima izityalo. Imithi ezizithinteli-moya inciphisa isantya somoya ize ikhusele ukulahleka komhlaba wezityalo okusisigxina.
- Inika indawo yokuhlala kwizidalwa ezihlala kuyo, ngoko ke igcina iyantlukwano yendalo.
- Inceda ngokuyila isakhiwo esilungileyo somhlaba njengoko iingcambu zayo ziwubumba ndawonye umhlaba.
- Inika izinto ezomileyo ezivela kwindalo ephilayo ezenza isigcina-kufuma nefula.
- Inciphisa isixa samanzi athathwa ngumoya ukuze kuphucuke iimeko ezenza ukuba izityalo zandise isivuno sazo.
- Ukuba igcinwa kakuhle inokunika iinkuni zezivuthisi namaplanga okwakha.
- Inako ukunika umthunzi.

Ukuze silufumane olu ncedo kwiifama zethu kufuneka siphumeze izenzo ezine ezingundoqo ngaphandle kokunqumamisa. Ukuba sinako ukuphatha imithi yethu esiyityalileyo ngendlela encomekayo ngoko ke thina neefama zethu siya kuvuna lukhulu ukuze oko kube nesiphumo esihle kwimo esingqongileyo efanele ukulondolozelwa ixesha elizayo ngakumbi.

NGUGAVIN MATHEWS, UMLAWULI
KWEZEMeko ESINGQONGILEYO, UKZN



Isiriyeli zasebusika

Uhlahlo lwabiwo-mali lukunika ubuchule bokulawula ishishini lakho

XA LWENZIWE KWAYE LUSETYENZISWA NGOKUCHANEKILEYO NGOKUKHATSHWA YINKQUBO YOLAWULO LWEMVELISO, UHLAHLO LWABIWO-MALI LUNAKO UKUBA SISIXHOBO ESIKHULU SOKULAWULA, ESIKUNCEDISA NGOKULUNGISA, UKUPHUMEZA NOKULAWULA ONKE AMANYATHELO AKHO. NGALOO NDLELA, LUKUVUMELA UKUBA UBE NOLAWULO OLUGQIBELELEYO LWESHISHINI LAKHO.

Omnye umntu wakha wathi xa ungazazi apho uya khona, ungazibhaqa sowukwenye indawo Le ntetho isebenza ngakumbi ngokuphathelele neshishini lakho. Xa ungasenzi isicwangciso nohlahlo lwabiwo-mali ngendlela efanelekileyo, ungazibona ungakwazi ukufika apho uya khona (kwiinjongo) ngohlobo obuzimisele ukuphumeza ngalo iinjongo ekuqaleni. Yintoni injongo yeshishini lakho? Nokuba mhlawumbi uneenjongo eziliqela, ukuzuzisa impumelelo ngokwasemalini, kufuneka kube yenye yeenjongo zakho ezingundoqo, ngaphandle kokuthandabuza. Ukuphumelela ngokwasemalini kuquka ukugcina inzuzo elondolozekayo, ukugcina isimo sokukwazi ukuhlawula amatyala kunye nokugcina umqokoteli oncomekayo wemali elungele ukusetyenziswa kwithuba elide.

Khumbula ukuba uhlahlo lwabiwo-mali luchazwa njengesicwangciso esibhaliweyo, sibalulwa ngokwezixa zezinto eziphathekayo nezemali zamanyathelo exesha elizayo eshishini lakho okuphumeza iinjongo ezimiseliweyo.

Umceli-mngeni xa kusenziwa uhlahlo lwabiwo-mali kukuba akunamaxwebhu entsusa, kuba akukabikho tshintshiselwano lwenzekileyo, kufuneka ubale yonke ingeniso neenkitho ezilindelekileyo.

Ukubala ingeniso okanye iinkcitho zexesha elizayo ngomba ngamnye oqukwe kwisixa-mali esipheleleyo sakho ngumceli-mngeni kuba udinga iinkcukacha eziphathelele namaxabiso alindelekileyo ayo yonke imiba.

Amacebiso alandelayo aluncedo ngokuphathelele nale meko:

- Ukuba unazo iinkcukacha zengeniso nezeenkitho zeminyaka edlulileyo, oko kuya kuba luncedo kakhulu. Kususiseko esiluncedo sohlahlo lwabiwo-mali lonyaka ozayo.
- Qokelela iinkcukacha ezininzi kangangoko unako – funda iimagazini zolimo, mamela iingxelo zerediyo, yiya kwiintsuku zabalimi nakumaqela ofundonzulu, fumana ulwazi kwi-intanethi, yiya kwi-NAMPO, funda amaphephandaba, njalo njalo.
- Qhagamshelana nabathengi beemveliso zakho ukuba bakuxhase ngeenk-cukacha malunga namaxabiso alindelekileyo yemveliso ethengiswayo.
- Qhagamshelana nabo bonke abaxhasi bakho ukuba baxele amaxabiso anokubakho alindelekileyo empahla esetyenziswa kumalungiselelo.

Eli nqaku alinako ukuqulatha konke ngokuphathelele nokubhalwa kohlahlo lwabiwo-mali. Kodwa siza kuzama ukubonisa umthetho-siseko wokufumanisa ingeniso neenkitho ezilindelekileyo ngokunika imizekelo embalwa. Khumbula ukuba uhlahlo lwabiwo-mali lwakho lufanele ukuba yinto enokwenzeka kangangoko. Qhuba ngendlela yesiqhelo malunga nengeniso kodwa usebenze ngexesha elizayo malunga neenkitho. Uqeqesho namava luya kukweyisela kwiimeko ezinzima zokuhlangukisa uhlahlo lwabiwo-mali.

Imizekelo yengeniso

Umbona

Ngokwenkqubo yolawulo lwakho lwemveliso unesicwangciso sokulima ii-hektare ezili-150 zombona ngenyanga kaNovemba 2012 ukuze ube ufumane imveliso yeetoni ezi-4, 5 ngehektare nganye. Ngokweenkcukacha eziqokelelweyo ulindele ixabiso lombona eliqhelekileyo le-R1 800 ngetoni nganye ngexesha lonyaka elilandelayo.

Umbona

Ihektare (a)	Imveliso/ ngehektare (b)	Imveliso iphelele (c)	Ingeniso elindelekileyo ngetoni nganye (d)	Ingeniso ngehektare nganye (e)	Ingeniso elindel- ekileyo Iphelele
150	4,5 iitoni	675 iitoni (a x b)	R1 800	R8 100 (c x d)	R1 215 000 (a x e) or (c x d)

Uhlahlo lwabiwo-mali lukunika ubuchule bokulawula ishishini lakho

Imbewu

Ihektare eziza kulinywa (a)	Imbewu ngehektare nganye (b)	Imbewu iphelele (kg) (c)	Ixabiso elilindelekileyo/25 kg ngengxowa (d)	Inani leengxowa eziza kuthengwa (e)	Iindleko ezilindelekileyo ziphelele
150	6 kg	900 kg (a x b)	R1 500	36 bags (c / 25 kg)	R54 000 (d x e)

I-diesel yeveni yefama

Ii-km/ngenyanga (a)	Ii-km ziphelele ngonyaka (b)	Ukuyisebenzisa (c)	Iilitha ze-diesel esetyenzisiweyo/ngenyanga (d)	Iilitha ze-diesel esetyenzisiweyo/ngonyaka (e)	Ixabiso elilindelekileyo le-diesel (f)	Iindleko ngenyanga (g)	Iindleko ezilindelekileyo ziphelele (h)
1 250	15 000 (a x 12 iinyanga)	10 km/ngelitha	125 (a/c)	1 500 (b/c)	R11,50	R1 437,50 (d x f) or (h/12)	R17 250

Iindleko zefowuni

Iindleko zonyaka odlulileyo ziphelele (a)	Iindleko/m zonyaka odlulileyo (b)	Ukunyuka ngepesenti (c)	Iindleko/m zonyaka odlulileyo (d)	Iindleko ezilindelekileyo zonyaka ozayo
R7 380	R615	6%	R652	R7 823

Imizekelo yeenkcitho

Imbewu

Ngokwenkqubo yolawulo lwakho lwemveliso wenze isicwangciso sokusebenzisa i-6 kg yembewu ngehektare nganye ukuze ufumane inani leziyalo eziyi-20 000 ngehektare nganye kwaye uza kulima ngoNovemba 2012. Uza kuba usebenzisa umhlanganisela wesityalo esithile esiya-YYYGGG. Ngokweenkcukacha eziqokelelweyo ulindele ixabiso lembewu ukuba libe yi-R1 500 ngengxowa nganye kwixesha elilandelayo lonyaka.

I-diesel yeveni yefama

Ukususela kwiinkcukacha zeminyaka edlulileyo unesicwangciso sokuthatha uhambo uqhuba ngesantya sesiqhelo se-1 250 km ngenyanga, isixa esiphileleleyo yi-15 000 km ngonyaka. Uyazi kananjalo ukuba isithuthi sakho sinokwenza i-10 km ngelitha ngaye ye-diesel ngokwesiqhelo. Ngokweenkcukacha eziqokelelweyo ulindele ixabiso le-diesel ukuba libe yi-R11,50 ngelitha nganye ngokwesiqhelo kwixesha elizayo ngonyaka.

Isibalo esingasentla saziwa ngokuba luhlahlo lwabiwo-mali olusisiseko kanti umzekelo olandelayo weendleko zefowuni uphathelene nezongezelelo.

Iindleko zefowuni

Kunzima kakhulu ukwenza isicwangciso sefowuni. Ngoko ke umntu angajonga kwiindleko zonyaka odlulileyo njengesiseko aze andise iindleko ngepesenti ngokwenqanaba elilindelekileyo lokunyuka kwamaxabiso, masithi nge- 6%.

Njengakwimizekelo enikiweyo kufuneka ubale iindleko ezilindelekileyo ngempahla nganye eneendleko kwishishini lakhe. Ngumsebenzi ondisayo xa uqala ukuwenza, nokuba uwenza ngokubhala okanye ngekhompyutha, kodwa kunyaka ozayo kuya kuba lula ngakumbi xa usebenza ikhompyutha. Kanti xa uya ngokuwenza uya ngokuba lula ukuze nohlahlo lwabiwo-mali lwakho luya ngokuchaneka ngakumbi.

Zonke iinkcukacha ke ngoko zisetyenziselwa ukubhala iinkcazo zeemali zohlahlo lwabiwo-mali zokugqibela ezintathu eziya kubonisa impumelelo yemali elindelekileyo yeshishini lakho ngonyaka olandelayo.

Indlela yokusebenzisa uhlahlo lwabiwo-mali

olukhatshwa yinkqubo yolawulo lwakho lomsebenzi wemveliso

- Xa uthenga iimveliso, sebenzisa iinkcukacha ezikuhlalho lwabiwo-mali nakwinkqubo yolawulo lwakho lomsebenzi wemveliso. Kufuneka uthenge iingxowa ezingama-36 zembewu yomhlanganisela we-YYYGGG phambi kukaNovemba ngokweendleko ezilindelekileyo ze-R54 000. Ngamanye amazwi, thenga ngokwesicwangciso sakho. Maxa wambi kuya kubakho ukunyuka kwamaxabiso okungakhange kucingeleke ngaphambili kwaye imbewu inokuxabisa ngaphezu kwama-R54 000, kwamkele oko kuba ukuthenga imbewu enganeno kuya kuchaphazela imveliso yakho kakubi, kwaye qaphela nokuthi isiphumo sinokuba sibi kwinzuzo yakho.
- Xa kukho inyathelo elithathiweyo, sebenzisa uhlahlo lwabiwo-mali lwakho kunye nenkqubo yolawulo lwakho lomsebenzi wemveliso ukuze wenze ulawulo lokugqibela. Ibe yintoni kanye-kanye eyona ngeniso kunye/okanye inkcitho xa uthlekisa nohlahlo lwabiwo-mali uze uchaze naluphi unxaxho. Ngoko ke qaphela isizathu sonxaxho olukhoyo ukuze ukuqwalasele oko kuhlalho lwabiwo-mali lwakho olulandelayo – oku kuya kukunceda ekuphuculeni ishishini lakho.
- Lawula iindleko ze-diesel neendleko zefowuni ngenyanga nganye. Ukuba kukho inyanga ogqithise ngayo kwinkcitho yakho zama ukulondoloza kwinnyanga ezayo ukuze ugcine uhlahlo lwabiwo-mali lwesiqhelo lwenyanga. Qwalasela imfuneko yeehambo, yenza isicwangciso seehambo zakho ngeveni ngocoselelo ngakumbi, uqaphele imfuneko yokufowuna okwenziweyo, wenze nophando lweendlela ezinxabiso eliphantsi lokunxibelelana. Xa uhlahlo lwabiwo-mali luhlanganiselwe kwaye lusetyenziswa njengoko kuchaziwe luba sisixhobo esikhulu solawulo – lukubeka kwineko yolawulo lweshishini lakho. Kwinqaku elilandeliswa kuya kufuneka ukuba siqwalasele izinto eziluncedo ngohlalho lwabiwo-mali.

INQAKU LINIKELWE NGUMARIUS GREYLING

Malunga nokhula neentloko ezibuhlungu nemichiza yokutshabalalisa ukhula

NJENGOKO SISENZA IZICWANGCISO ZEXESHA LETHU ELITSHA LONYAKA, ELI LIKWALIXESHA LOKUQWALASELA EYONA NDLELA ISEBENZAYO YOKUTSHABALALISA UKHULA EMASIMINI AKHO. UKHULA LUYINTLOKO EBUHLUNGU KAKHULU KUBALIMI KWAYE LUNAKO UKUBA NOBUNGOZI OBUKHALABISAYO KWIZITYALO ZOMLIMI ZIPHELELE XA LUYEKWA LUZIKHULELE!

Abalimi abaninzi batsala nzima ngezixhobo ezidala ezingasebenzi kakuhle okanye ezaphukileyo, ngxaki leyo eyenza kube nzima ukulungisa umhlaba kakuhle kanti omnye umceli-mngeni ziindleko zabasebenzi neze-diesel ezinyanzela abalimi ukuba ngamanye amaxesha baphungule eminye imisebenzi yokulima umhlaba. Inyaniso yeyokuba xa oomatshini bengekho mgangathweni, izixhobo zizidala nemali ingalingenanga, kuze oko kumthintele umlimi ekutshabalaliseni "intloko ebuhlungu yokhula", uza kuba nentloko ebuhlungu ngakumbi xa evuna isityalo esingephi naxa efumanisa ukuba akakwazi kuhlawula iimali-mboleko okanye ukukhanda izixhobo zokusebenza okanye ukuthenga i-diesel!

Umlimi ngamnye kufuneka aziqhelanise nazo zonke iintlobo zokhula olukhula emihlabeni yakhe aqhuba ifama kuyo kwaye kufuneka abazi ubungozi obenziwa lukhula kwinkqubo yakhe ayindululayo yokulima izityalo. Kufuneka enze isigqibo ngeyona ndlela igqibeleleyo yokucoca imihlaba naphambi kokuqala kwexesha lonyaka, kufuneka abe nesicwangciso sendlela yokukhucula ukhula oluhlaselayo olunokuba amanzi nezondlo ezifuneka ngamandla kwizityalo aza kuzilima.

Zininzi izicwangciso-cebo ezahluka-hlukileyo umntu anokuzisebenzisa kwidabi lokulwa nokhula ngokweendlela zokusebenza ngezandla nangemichiza.

- **indlela zokusebenza ngezandla** kutshabalalisa lokhula ziquka ukulincothula ngezandla, ukulihlakula ngamagaba, ukulikrazula, ukukhubela, ukukofola nokucheba.
- **indlela zokusebenzisa imichiza** zinokuquka ukufakwa kwemichiza eyamkelekileyo etshabalalisa ukhula ukuze kulawuleke iingxaki ezingqalileyo. Abalimi abaninzi bakhetha ukufuna amacebiso kwiingcali zemichiza ukuze zibancedise ngokuchonga ukhula nangenkqubo eyiyona igqibeleleyo nangeemveliso abanokuzisebenzisa.

I-Grain SA icebisa abalimi ukuba bakhetha ngobulumko xa bakhetha inkqubo yomchiza wokutshabalalisa ukhula. Xa amasimi engcoliseke ngendlela exhalabisayo lukhula kangangokuba oko kunokusithintela kakhulu isivuno esihle sezityalo, ngokuqinisekileyo kufuneka indlela ekhucula ngamandla – kodwa xa kungenjalo kunokusetyenziswa iindlela ezingasebenzi ngamandla angako neendlela eziyongayo imali. Baya ngokwanda abalimi abafunda kwizifundo zamaQela oFundo-nzulu noQeqesho lwethu lwakwaGrain SA ngokuba ukusetyenziswa kwemichiza yokutshabalalisa ukhula ngendlela encomekayo kunako ukwenza umahluko omkhulu kakhulu kwisiqhamo (okanye kwisivuno) somsebenzi onzima owenziwe kwixesha elithile lonyaka. Ziyakhuthaza kakhulu iingxelo ezininzi esizifumanayo malunga nokuphucuka kwezivuno kwiifama ezinkulu nezincinane. Ngenxa yokubona iziphumo ezibalasele kangako kunye nezivuno eziphucuke kakhulu kangako, abalimi bethu banqwenela ukuphucula izixhobo zabo zokutshiza nokuba oko kuthetha ukuthenga isitshizi esoluliweyo esitsha okanye ukuthenga izitshizi zehapulusaka.

Ekuqibeleni, imichiza esiyisebenzisayo kufuneka isinike ulawulo esilunqwenelayo lweentlobo zokhula esijolise kuzo logama icutha umngcipheko

wokonakaliswa kwemo esingqongileyo nokhuselo lwabantu abasebenza ngemichiza. Kubalulekile ukuqonda ukuba imichiza iziityhefu ezinoncedo kuphela xa zisetyenziswa ngokuchanekileyo nangenkathalo enkulu.

Indlela yokusebenzisa imichiza yokutshabalalisa ukhula neyezinambuzane ezilutshaba

Zifunde iileyibhile

Kubaluleke kakhulu ukuzifunda ngokuqaphela okukhulu iileyibhile kwisikhongozelo ngasinye somchiza wokutshabalalisa ukhula nezinambuzane ezilutshaba. Onke amacebiso akwiileyibhile anikwa emva kokwenziwa kweemvavanyo ezininzi ngokusebenzisa imveliso yeemo ezahluka-hlukileyo ezingqonge iimvavanyo. Kufuneka usoloko uzifunda iileyibhile qho xa uthenga ibhotile entsha ukuze uphawule naziphi iinguquko okanye izinto ezintsha namacebiso.

Kubaluleke kakhulu ukuba umlimi ayiqonde indlela yokusebenzisa imveliso ngokhuselo kwaye ufanele ukufundisa bonke abantu asebenza nabo. Ungaze uzibeke emngciphekweni, imveliso yakho okanye abasebenzisi bakho ngenxa yezenzo ezingafanelekanga zokufaka imichiza yokutshabalalisa ukhula!

- Iileyibhile zemichiza etshabalalisa izinambuzane ezilutshaba ziya kuzichaza ngokucacileyo iimeko ezichanekileyo zokusebenzisa imveliso leyo ngokunjalo zixele nokuba zeziphi izityalo enokusetyenziswa ngokhuselo kuzo kwaye iya kuzixela ezo mveliso ngokuthi 'uluhlulweemveliso enokusetyenziswa kuzo, oko kuthetha ukhula, izidalwa ezilutshaba okanye izifo enokusetyenziswa kuzo imveliso. Imveliso kufuneka isetyenziswe kuphela kulawulo lweengxaki ezidweliswe kwileyibhile yazo.
- Iileyibhile iya kukuxelela kwakhona ngolwazi olubalulekileyo olufana neendlela yokwenza umxube wesitshizi, ngeyona ndlela igqibeleleyo yokufaka isitshizi, ulandelelwaniso lwamaxesha okufaka isitshizi, inani lamaxesha okufaka imveliso ethile kwisityalo esithile kunye nethuba elibalulekileyo eliphakathi kokusifaka okokugqibela nexesha lokuvuna.
- Umzekelo, omnye umba obaluleke kakhulu ngokusetyenziswa kwe-Roundup sisidingo samanzi acokeke ngokufezekileyo. I-Roundup isuka inamathele kwiingqakumbana zodongwe ngoko ke, ingabi nakusebenza, ngamanye amazwi ayinakukwazi ukusebenza. Oku kwenza kube sisinyanzelo ukusebenzisa uddidi oluchanekileyo lwamanzi. Umlimi oxuba le mveliso namanzi avela edamini elivulekileyo okanye emfuleni, enyanisweni, udlala ngemali yakhe kuba olo nyango luneendleko ezingako alusayi kumnika iziphumo ezingqenelekayo.
- Iileyibhile iphinda ikwazise ngesinxibo esikhuselekileyo esifanele ukunxitywa ngumntu ofaka ityhefu kanti ikhona nemiyaalelo eqhelekileyo xa kunokubakho ingozi okanye ukuchitheka. Eyona ndawo inokuba sisisulu sokuhlaselewa yityhefu sisikhumba xa ingene ngaso naxa umqhumo wayo uphefumlelwa ngaphakathi.

Iileyibhile esezibhotileni zemichiza yokutshabalalisa ukhula okanye izinambuzane ezilutshaba ilikhonkco elibaluleke kakhulu phakathi komenzi-mveliso nomlimi elikhokelela ekusebenzeni okubalaseleyo kunye nolawulo olunenkathalo!

Gcina imichiza yokhula neyezinambuzane itshixelwe!

Abalimi abanenkathalo bagcina imichiza yabo yezinambuzane ezilutshaba

Malunga nokhula neentloko ezibuhlungu nemichiza yokutshabalalisa ukhula

kwindawo ekhuselekileyo okanye itshixelwe. Maninzi amabali alusizi anokubaliswa ngendlela imichiza yezinambuzane ezilutshaba ibangele ukugula okungeyomfuneko, nkqu nokulaliswa esibhedlele kunye nokufa. Kucingeleka ukuba bangaphezu kwamawaka angamakhulu amabini anesihlanu (250 000) abantu abazibulala ngonyaka ngamnye ngokusela ngabom imichiza yezinambuzane ezilutshaba. Nceda musa ukukuvumelela ukuba kwenzeke oku kwaye gcina isitshixo sesitora sakho sifihlwe endaweni efihlekileyo apho kunokufikelela abantu abanenkathalo kuphela! Kananjalo qiniseka ukuba isitora sikhuselekile emlilweni kuba ezinye zezi mveliso zivutha lula kakhulu kwaye ziya kufana nepalafini egalelwa emlilweni kanti zisenokudubula. Kwakhona qiniseka ukuba ezi tyhefu zigcinwe ngokhuseleko kwiimvula ezinkulu nasemanzini ezikhukula kuba iityhefu ziwangcolisa ngokukhawuleza amanzi kanti iimpembelelo zentlekele enjalo zinokwenza umonakalo ngokubanzi!

Ukugcinwa kwezixhobo zokutshiza

Izixhobo zakho zokutshiza ziya kwenza ukuba inkqubo yakho yokutshiza ikuncede ekubeni ufumane iziphumo ezinqwenelekayo – okanye kungabi njalo! Ngoko ke kubalulekile ukuzigcina kakuhle izixhobo zokusebenza emva kokusetyenziswa kwaye zigcinwe ngokhuseleko zibe kude kwizilwanyana nakwisondo sazo. Yiba soloko uqwalasela zonke iindawo ezisebenzayo qho, tywina iindawo ezivuzayo ufake imilomo emitsha endaweni yemidala. Isitshizi masibhalwe imilinganiselo ngokuqaphela nangokuchanekileyo. Qiniseka kangangoko ukuba isixhobo sokutshiza asivuzisi nayiphi imixube yezitshabalalisi zezinambuzane kuba oko akuyolahleko kuphela koko kusenokuba yingozi.

Izixhobo ezisetyenziselwa ukulinganisa okanye ukufumanisa ubunzima bezitshizi mazingasetyenziselwa nayiphi enye into. Ungaze usebenzise izitya zokutya okanye amacephe okutya. Izixhobo zokusebenza ezisetyenzisiweyo mazihlanjwe ngocoselelo.

Ukulahla izikhongozelo zakho ezingenanto

Izikhongozelo ezingenanto mazihlanjwe ngocoselelo kwaye akufuneki zihlanjululwe ngenjongo yokuphinda zisetyenziswe njengoko beziphethe iityhefu kuba zinokuba nobungozi empilweni yabantu neyezilwanyana ngokunjalo zibe neempembelelo kungcoliseko lwemo esingqongileyo. Nokuba uyazi ukuba isikhongozelo eso asisayi kusetyenziswa kwakhona kuseluxanduva lwakho njengomsebenzisi ukusihlamba ngocoselelo isikhongozelo eso phambi kokusilahla. Indlela eyiyona ifunekayo ngokwesiqhelo kukusihlamba kathathu obona buncinane isikhongozelo eso. Emva koko, izikhongozelo mazigqojozwe imingxuma kuyo yonke indawo ukuze zingasebenziseki kwakhona zandule ukulahlwa apho zinokutshiswa khona xa ingekho enye indlela yobungcali yokuphinda zihlaziye. Amaqumrhu emichiza kule mihla acebisa ngelithi oku makungenziwa emasimini ethu kodwa makwenziwe kwiziza ezikhulu zokulahla inkunkuma njengoko izikhongozelo ebezinye tyhefu kungafuneki ukuba zitshiswe kufuphi nabantu kunye nemfuyo. Okunye okunokwenziwa kukungcwatywa kwezik-

hongozelo emngxunyeni onzulu kakhulu apho zingenakuchaphazela amanzi angaphantsi komhlaba okanye apho kungenakubakho zikhukula khona.

Yiba ngumsebenzisi onenkathalo wesitshizi

Qiniseka ngokunxiba impahla emiselweyo enokhuselo. Okunye okufanele ukuqatshelwa kukuba isikhumba sakho sigqumekile, ngoko ke nxiba ihempe yemikhono emide, iblukhwe ende, izihlangu ezivalekileyo neekawusi ezinde kunye nomnqwazi. Mazinxitywe iiglavu kwaye zihlanjwe ngononophelo phambi kokukhululwa. Hlamba nakuphi ukutshizeka okusesikhunjini sakho okanye emehlweni akho kwangoko. Maxa wambi kuyimfuneko ukunxiba iindondo ezinokhuseleko kunye nezigqubuthelo zobuso ezikwaziyo ukuhlulwa umoya owuphefumlayo. Musa ukubeka nabaphi abanye abantu emngciphekweni kwaye qiniseka ukuba zonke izilwanyana zikude kwimisebenzi yokutshiza.

Abasebenzisi bezitshizi bacetyiswa ukusela amanzi amaninzi ukuthintela ukunqongophala kwamanzi emzimbeni kwaye abafanelanga kutshaya okanye ukusela xa bephethe isitshizi. Akukhuthazwa ukutshiza ngexesha elilelona lishushu lemini. Akukhuthazwa ukutshiza ukuba indawo ekujoliswe kuyo imanzi okanye xa izulu libukeka ngathi liza kuna. Sebenza ngobulumko ukuthintele nakuphi ukutshizeka ngokuthi uhambe uphepha umsinga wamathontsi aphambukayo esitshizi kwaye kuthintele ukutshiza kwiimeko ezinomoya ovuthuzayo.

Yintoni umsinga wamathontsi aphambukayo esitshizi?

Oku kuthetha amathontsi amancinane kakhulu esitshizi sezinambuzane okanye sokhula aqhutywa ngumoya aze aphambuke kwindawo agqaliselwe kuyo enyangwayo. La mathontsana mancinane kangangokuba aphetshethekiswa nangumoyana omncinane. Yiloo nto abasebenzisi bezitshizi zehabulusa kufuneka beliqaphele icala oya ngakulo umoya baze bazame ukuhamba ngokwe-engile eyenza ukuba bawuphephe umoya. Apho kukho umsinga ophambukela entsimini ebingafanelanga kutshizwa kunokwenzeka umonakalo omkhulu kwizityalo oya kubonakala njengeendleko ezinkulu xa kusenziwa izibalo eziya kuhlululwa ngumsebenzi wesitshizi.

Iziganeke ezininzi zixeliwe, umzekelo xa bekutshizwa i-Round-Up eMboneni oLungele i-Round-Up kodwa ngenxa yeemeko ezinomoya okanye ngenxa yokungaqapheli umsinga wamathontsana esitshizi watshiza kwindawo engeyiyo eyezityalo ezilungele i-round-up kuze kubekho iziphumo zomonakalo ombi! Ukuphambuka kwamathontsana atshiziweyo kwenze ukungonwabi okukhulu apho amanzi asemilanjani angcoliseke khona okanye apho iindawo ezihlala abantu zifumene amathontsana aphambukileyo ayityhefu angafunekiyo. Ngoko ke, bonke abanini-zitshizi nabasebenzisi bazo mababonise inkathalo ebonakala ngononophelo ngemisebenzi yabo kwaye balumke xa besebenzisa isitshizi. Ukuba umoya uvuthuza ngokukhawuleza bubulumko ukuyibambezela inkqubo yokutshiza.

NGUJENNY MATHEWS, USIHLALO WENKQUBO
YASEGRAIN SA YOPHUHLISO LWAMAFAMA

**Olu phawu olulodwa lwenzeke ngenxa
yagalelo lakwaWinter Cereals Trust.**

Iindaba zaseMntla-Ntshona



UKUSUSELA EKUQALENI KUKAMEYI IGrain SA IBE NEEMPUMEZO EZINTSHA eMNTLA-NTSHONA NGOKUNCEDISWA NGABAPHATHI ABANE BOPHUHLISO. UYANDA UMDLA KWIGALELO LEGrain SA KULE NGINGQI KANTI UKUZE LE NKONZO INIKWE KAKUHLE NGOKUGQIBELELEYO KANGANGOKO KUNOKWENZIWA, BEKUYIMFUNKEKO UKUHLANGANISELA NOKUSEKA AMAQELA AMATSHA OFUNDONZULU KUMAZIKO AMAKHULWANA KUNAKWILALI NGANYE NJENGAKWIMINYAKA EDLULILEYO.

Inyaniso kukuba kuziindleko eziphezulu kakhulu ukuba neentlanganiso ezilalini endaweni yokuba neendibano ezincomekayo zamaqela amakhulu. Sinethemba elingazenzisiyo lokuba abantu bayaqonda ukuba sineenjongo zokufikelela ebantwini abaninzi kunangexesha langaphambili! Imibandela yokhuseleko lokutya nohlengahlengiso lwemihlaba ithetha ukuba kufuneka kufikelelwe kubalimi abaninzi ukuze bafumane inkxaso yolwazi nokuncediswa ngokuphathelele nemisebenzi egqibeleleyo yokufama. Iindibano zokufundisa zamaqela ofundo-nzulu ziya kufana kwiziko ngalinye kwaye abaphathi baya kuqhuba ngokuphumeza iintsuku zabaLimu, iipiloti zovavanyo nezifundo zoqeqesho zengingqi.

Kundululwe amaqela ofundo-nzulu kunye naba balandelayo:

- uRaymond Boardman ePotchefstroom, eVentersdorp naseKoster;

- uArthur Clayton eLichtenburg naseColigny;
 - uJohn Mathews eMafikeng naseMooifontein; kananjalo
 - uJan Pretorius eDelareyville, e-Ottosdal, eSannieshof naseWolmaransstad.
- Ngaphaya koko iGrain SA ixakeke ziindibano zothetha-thethwano neSebe loPhuhliso lwamaPhandle kunye noHlenga-hlengiso loMhlaba neSebe lezoLimo, amaHlathi neeNtlanzi. Ngenxa yentsebenziswano enempumelo kwiifama eziyi-16 zaseFree State ngonyaka ka-2011 ukuya ngo-2012, kukho ithemba lokuba siya kukwazi ukuba lidlelane elisentloko namasebe sisebenzisane ekuqokelelweni kwemali eyinkunzi kwiifama naseMntla-Ntshona ngendlela efanayo.

Ziliqela izicwangciselos zoshishino esenziwe emva kotyelelo lweefama kanti sinethemba elingazenzisiyo lokuba oku kuya kuba sisiqalo sezinye izinto ezintle ezizayo! Balimi, ncedani nikhumbule ukusebenza ngokuzimisela emasimini, yenzani kangangoko umntu efanele ukwenza kwifama yakhe nihlale ningabalimi abazimiseleyo abaneenjongo ezithembekileyo kunokuhlala nilindele ukubona ukuba ingaba iyeza nakuwe na imini yokuqokelelwa kwemali eyinkunzi yokuqalisa ushishino!



NGUJENNY MATHEWS, USIHLALO WASEGRAIN SA WENKQUBO YOPHUHLISO LWAMAFAMA



Ukuqonda ulawulo lwamadlelo

KUSUKA KUBE NGUMBONO OLUSIZI UKUBONA IMEKO YAMADLELO KWELI XESHA LONYAKA. KWIZIGANEKO EZININZI, AMADLELO ATSHATYALALISWE KANTI IINKOMO ZIBHITYE KAKHULU. IINDABA EZIMBI KUKUBA INGCA IYA KUDE IBUYELE KWISIMO SAYO KUPHELA EMVA KOKUNA KWEEMVULA ZOKUQALA ZENTLAKOHLAZA. KUBALULEKE KAKHULU UKUBA ABALIMI BETHU BAQALISE UKUQONDA ULAWULO LWAMADLELO.

Ingca namadlelo kufuneka ziqondwe ukuze zilawulwe ngendlela ebonisa ukuba anokuba yimpahla yexabiso yesizukulwana sethu nezizukulwana zekamva. Okwangoku, zininzi iindawo apho ukutyisa okugqithisileyo kukubi kangangokuba ndiyazibuza ukuba ingaba izizukulwana ezizayo ziya kuba salazi na idlelo elithile ukuba lalinjani kuqala?

Idlelo eliyindalo laseMzantsi Afrika linokubonwa njengolunye uhlobo lwamadlelo engca kwiintlobo zamadlelo amaninzi, ambaxa naselechazwe ngononophelo afumaneka ngokubanzi njengamadlelo aswiti, amadlelo amuncu kunye namadlelo axubileyo.

Umahluko phakathi kwezi ntlobo zamadlelo ubonwa, ubukhulu becala, ngokwexabiso nokungcamleka kweentlobo zengca yemfuyo encinne nenkulu ngethuba leenyanga zasebusika.

Sekufana nomthetho ukuba kwiindawo zeemvula ezinkulu kwenzeke ukuba izondlo zihlanjwe ngamanzi ngobuninzi bazo. Kwiindawo zemvula encinane zininzi izondlo ezilondolozekayo ukuze ke ngoko ixabiso lezondlo engceni okanye emadlelweni endalo libe phezulu ebusika.

Ukulungiselela iimeko zasebusika ezibandayo nezirhabaxa kwiindawo eziphezulu, iintlobo zengca yamadlelo zigqithisela okanye zithumela izond-

lo ezingcanjini zazo ekupheleni kwehlobo naphambi kokuqalisa kweeqa-baka zokuqala.

Lo mbandela ubalulekile kwaye ufanele ukuqwalaselwa xa ulawulwa idlelo lakho. Ukutyisa ithuba elide phambi kokufika kobusika akusayi kuyinika ixesha elaneleyo ingca ukuba amagqabi ayo akhule ukuze enzele isityalo izondlo eziya kugcinwa ezingcanjini. Izondlo zibalulekile ukuze isityalo sikwazi ukuqalisa ukukhula namandla ekuqaleni kwentlakohlaza. Hlola iikampu zakho kumaxesha ngamaxesha kulo lonke ixesha lasehlo-tyeni ukuze uhlalutye ukuba ingaba akukho kutyiswa okugqithisileyo na. Iinkomo ke ngoko zingasiwa kwezinye iikampu. Ngezantsi kuboniswa inkcazelo emfutshane kodwa ebanzi ngemiba ebalulekileyo malunga neentlobo ezingundoqo zamadlelo.

Imibandela ebalulekileyo ngamadlelo aswiti

Amadlelo aswiti afumaneka ubukhulu becala kwiindawo ezisezantsi ngakwiindawo eziphantse ukungabi nayo iqabaka nezinemvula ephakathi kuka-250 mm nama-625 mm ngonyaka. Ezi ntlobo zengca zikhulisa ukuba nencasa kwizilwanyana kunyaka wonke xa idlelo ligcinwe kwaye lilawulwa kakuhle.

Xa uhamba edlelweni lefama yakho ebusika izikhondo ezingundoqo zamagqabi ezishiyeke kwiintlobo zengca ezixubileyo zinokuvavanywa ngale ndlela. Izikhondo zamagqabi eentlobo zengca enencasa zaphuka lula kakhulu phakathi kweminwe yakho kanti iintlobo zengca engenancasa kangako zomelele azaphuki lula. Olu vavanyo luya kukunika ulinganiselo lweentlobo zengca eziswiti nezimuncu ezifumaneka edlelweni lakho.

Iintlobo zengca eswiti zinencasa, zingcamleka kamnandi, kwimfuyo yakho kanti naseziswini zezilwanyana zicoleka lula. Kungenxa yesi sizathu



Isicithi se-Rooigras esisuswe phakathi kwinyanga kaJulayi, emva kwemvula efunyenwe kwinyanga kaJuni ebimalunga nama-40 mm.

idlelo eliswiti likuvela ukutyisa okugqithisileyo xa zimbaleka kakhulu izilwanyana ezishiywe ekampini kwithuba elide kakhulu kwiinyanga zasehlotyeni. Izilwanyana zisuka zibe nethuba lokukhetha nokusoloko zisitya iintlobo zengca enencasa yobuswiti.

Xa izenzo zokutyisa zichanekile ikampu yeentlobo zengca ezixubileyo neziswiti ziyakhawuleza ukukhula emva kokutyisa xa zifumanekile iimvula ezaneleyo.

I-Rooigras okanye ingca ebomvu ifumaneka emadlweni aswiti kwaye isenokuba yeyona ixhaphakileyo kwiindawo ezithile kwaye ibubutyebi besondlo esibaluleke kakhulu kwimfuyo esifanele ukuqwalaselwa.

Imibandela ebalulekileyo ngamadlelo amuncu

Amadlelo amuncu afumaneka, ubukhulu becala, kwiindawo eziphakamileyo nezinamaqondo aphantsi obushushu kunezamadlelo aswiti kwiindawo zemvula emalunga nama-625 mm okanye ngaphezulu. Amagqabi nezikhondo zeentlobo zengca kwidlelo elinjalo zilukhuni ngakumbi kwaye ziqulethe i-lignin ethe chatha, i-lignin ifumaneka kwizityalo kwaye ixhasa isiqu sezikhondo zeentlobo zengca ngokunjalo ayicoleki lula kumetyiso wemfuyo kuneentlobo zamadlelo engca eswiti. Ezi ntlobo zengca ziba mnandi kuphela xa ziluhlaza kwiinyanga zasehlotyeni ngoko ke ixabiso lazo lezondlo liphantsi kwiinyanga zasebusika.

Olu hlobo lwedlelo luyakunyamezela ukutyiswa ngokugqithisileyo ukuze oko kwenze ukuba ibe ncinci imfuyo enokugcinwa kwixesha elithile, xa kutyiswe kakhulu kulo alikhawulezi ukubuyela kwisimo salo xa iimeko zemozulu ziphucukile kunedlelo eliswiti.

EHarrismith, xa uhamba ngeendlela ezisemibindini kubonakala iindawo ezininzi zamadlelo amuncu. Eli dlelo likholisa ukutshiswa ebusika uku-

ze kulawuleke uhlaselo lwamakhalane, kananjalo kukhuthazwe ukukhula okukhawulezileyo kwengca eluhlaza nenencasa ngexesha lentlakohlaza. Nangona kunjalo, esi senzo sibangela amakhwiniba kwaye ngokuqinisekileyo asifuneki kwiindawo zamadlelo aswiti okanye axubileyo.

Amadlelo axubileyo

Iimpawu zeentlobo zengca exubileyo kukuqulathwa kwazo zombini iintlobo zengca, eswiti nemuncu. Ukuba idlelo elixubileyo liqulethe iintlobo zengca eziswiti ngaphezu kwezimuncu, laziwa ngokuba lidlelo elixubileyo sabuswiti okanye xa liqulethe iintlobo zengca ezithe chatha ukuba muncu laziwa ngokuba lidlelo elixubileyo sabumuncu.

I-Rooigras okanye iNgca eBomvu kwifama yakho

Igama lesiLatini elinentsingiselo enye ne-Rooigras, nelixhaphakileyo yi-*Themeda Triandra* kwaye ifumaneka kuzo zonke iintlobo zamadlelo eMzantsi Afrika kananjalo ibonwa njengeyona ibaluleke kakhulu ngokwendalo phakathi kweentlobo eziswiti zengca elungele imfuyo ekhuliselwa imveliso. Iihlobo olukhula ngokugqibeleleyo kwiintlobo zengca zamadlelo kwiindawo ezininzi. Uhlobo lwedlelo olugqibeleleyo lwenziwe ngohlobo lwesityalo esiyingca esinenzondelelo kwizigidi zeminyaka xa ingaphazamisekanga kwaye isetyenziselwa ukutyisa imfuyo ngokwendalo, umzekelo, ingaphazanyiswanga nayimikhwa yokutshisa yamathuba amade.

Kuluncedo kakhulu ukwazi ukuchonga le ngca edlelweni lakho. Kwiifama ezininzi ezisetyenziswe kakhulu ekutyiseni impahla akunakufumana zicithi zininzi zengca ebomvu kwidlelo elixubileyo ngakumbi xa uliqwalasela ebusika idlelo.



Idlelo kwiFree State eseMpuma eliphantse alibi nazo izicithi ze-rooigras elibonakala limhlophe kakhulu.



Olu papasho lwenziwe lwabakho ngabakwa Maize Trust.

GRAAN SA

PO Box 74087, Lynwood Ridge, 0040
► 08600 47246 ◀
www.grainsa.co.za

USASAZO

Debbie Boshoff
► 08600 47246 ◀
www.grainsa.co.za

ABAQUZULELI BAMAPHONDO

Danie van den Berg
Free State (Bloemfontein)
► 071 675 5497 ◀
danie@grainsa.co.za

Johan Kriel

Free State (Ladybrand)
► 079 497 4294 ◀
► Office: 051 924 1099 ◀
johank@grainsa.co.za
Dimakatsi Nyambose

Jerry Mthomboti

Mpumalanga (Nelspruit)
► 084 604 0549 ◀
► Office: 031 755 4575 ◀
jerry@grainsa.co.za
Nonhlanhla Sithole

Naas Gouws

Mpumalanga (Belfast)
► 072 736 7219 ◀
naas@grainsa.co.za

Jurie Mentz

Mpumalanga (Vryheid)
► 082 354 5749 ◀
► Office: 034 980 1455 ◀
jurie@grainsa.co.za
Sydwell Nkosie

Ian Househam

Eastern Cape (Kokstad)
► 078 791 1004 ◀
► Office: 039 727 5749 ◀
ian@grainsa.co.za
Jenilee Bunting

Lawrence Luthango

Eastern Cape (Mthatha)
► 076 674 0915 ◀
► Office: 047 531 0619 ◀
lawrence@grainsa.co.za
Cwayita Mpotyi

Toit Wessels

Western Cape (Paarl)
► 082 658 6552 ◀
toit@grainsa.co.za

UMPAPASHI

Infoworks

► (018) 468-2716 ◀
www.infoworks.biz



I-PULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,

isiNgesi, isiBhulu, iSeTswana, iSeSotho,
iSeSotho sa Leboa nangesiZulu.

Ukuqonda ulawulo lwamadlelo

Kuboniswa ifoto yesicithi sengca ebomvu eyasuswa phakathi kuJulayi, phantse emva kwama-40 mm emvula yaza yafunyanwa ngo-Juni. Le ngca seyichanwe ziiqabaka zengqele enokufikelela kumaqondo asi-8 e-Celsius ngaphantsi kweqondo lomkhenkce. Xa uqaphela ngononophelo uya kubona amagqabi ambalwa aluhlaza. La magqabi abalulekile kwisityalo ukuze sikwazi ukuqala simile iingcambu ezintsha ukwenzela ixesha lonyaka lemveliso ekuqaleni kwentlakohlaza.

Njengommiselo owaziwayo, nangona esi sityalo sisekwibanga elingaqondakaliyo lasebusika, iingcambu zikhula kangokokuba ubunzulu bazo emhlabeni bulingane nobude besityalo ngaphezu komhlaba nokuba sikhula ebusika okanye ehlotyeni.

Umonakalo wokutsha

Sisenzo esiqhelekileyo okanye sakudala ukutshisa naliphi idlelo ukuze "kukhuthazwe" ukuhula kwezikhondwana eziluhlaza entlakohlaza. Nangona kunjalo, xa idlelo elichazwe ngasentla litshiswe kakhulu ngenyanga ka-Agasti okanye kaSeptemba, izityalo ziya kuba semngciphekweni omkhulu wokonakala ukuze neengcambu eziluhlaza zonakale.

Nangona ikampu iya kubukeka iluhlaza kano-bom entlakohlaza, umlimi unokuzibhaqa selefaka iinkomo okanye iigusha kuloo kampu. Nakuphi ukutyisa okugqithisileyo kuya kunciphisa izidlo kwizityalo ezisenokungabi nazondlo zaneleyo ukuze kumile iingcambi eziya kukhuthaza ukuhula okugqibeleleyo okunqwenelekayo nophuh-

liso lwezityalo olufuneka kwiinyanga zasehlotyeni.

Ikampu yengca ebomvu "egqibeleleyo" egcinwe kakuhle iya kuba namagqabi abomvu ubukhulu becala ebusika kunye namagqabi ablowu sabuluhlaza ngamathuba okukhula okukhawulezayo kwiinyanga zasehlotyeni.

Kuya kukunceda njengomlimi ukufumana ulwazi ngokuthenga incwadi ephathelene neentlobo zengca yaseMzantsi Afrika ukuze ukwazi ukuchonga ingca ebomvu kwifama yakho. Ingca eBomvu ibhidaniseka lula nezikhondwana ezibukeka zibomvu zengca yetramtzeni ekholisa ukufumaneka edlelweni elityiswe kakhulu.

Ingca ebomvu ibonwa njengeentlobo zengca ezityiswa ngemfezeko kwimimandla ephakamileyo njengoko emnandi kakhulu amagqabi ayo xa iselula ngexesha lasentlakohlaza nasehlotyeni. Ukuba ikampu iyekwe yaphumla akwatyiswa kuyo ngexesha lasehlotyeni ingakwazi ukuba yindawo elondolozeke kakuhle enokusetyenziselwa imfuyo ngexesha lasebusika.

Xa kusetyenziswa izikhothwa ezichanekileyo zetyuwa ekhatshwa yi-phosphate, idlelo elilungileyo lengca ebomvu linokubonwa njengesondlo sesicwangciso sobuchule, seendleko eziphantsi nesinencasa kwinkqubo yomqokuqelo wesondlo sefula ebusika. Xa zidityaniswa nokutyiswa okulawulekayo kwasehlotyeni kwakunye nombona nezinye iintsalela zezityalo zisisondlo esihambelana kakuhle nolawulo olucwangciselwe kakuhle nolungileyo.

**INQAKU ELIBHALWE NGUMLIMI
OTHAHE UMHLALAPHANTS**

